


# SINGALUPHUCULA NJANI UKHUSELEKO LWABAHLALI BASEMATYOTYOMBENI NABAHLALI ABANXUSILEYO KWIMILILO?

## UKUKHUSELA ABAHLALI KWIMILILO NGOKUPHELELEYO

Umlilo unobungozi kakhulu kubahlali basematyotyombeni nabahlali abanxusileyo ngoba xa ethe waqala, unwenwa msinya. Asikho isisombululo esikhawulezileyo kwaye kudingeka ungenelelo, izicwangciso, ukubandakanyeka koluntu, kunye nenkxaso ukuze kunciphiswe iimpembelo zomlilo.



Sidinga **UKHUSELEKO KUMLILO** (ngokujonga izinto esinozenza xa ethe waqala), **UKHUSELEKO KUMLILO** (ngokuwulawula unganwenwi ngakumbi) **nokuTHINTELWA KOMLILO** (ukuze kunciphe amathuba okuba uqale).

**Indawo yokuhlala nganye kunye noluntu lwahlukile kwaye luya kufuna indibaniselwano zezisombululo ezahlukeneyo.**

Ukuba ufuna ulwazi oluthe vetshe malunga noqeqesho lokhuseleko kumlilo ziyafumaneka iividiyo, iincwadana ([bit.ly/3ENVYUn](http://3ENVYUn)) kunye necwadi ku (<http://hdl.handle.net/10019.1/108926>)

## UKHUSELEKO KUMLILO (UKUSABELA IZICELO ZOKUCIMA UMLILO)

- A1 KHUTHAZA ABAHLALI UKUBA BAYAZI INOMBOLO YOKUNXEBELELA ISEBE LOMLILO ELIKUFUTSHANE**  
Yazi inombolo yesebe lomlilo lasekuhlaleni. Ungafowneli u0111!
- A2 UNGENELELO LWESEBE LOMLILO**  
Sebenzisana nesebe lomlilo lasekuhlaleni. Qinisekisa ukuba akhonto endleleni enothinthela abacimi-mililo ukuba bangakwazi ukudlula. Yenzani kangangoko ukubonisa abacimi-mililo apho umlilo ukhoyo kwaye nibakhusele ezingozini.
- A3 IMIBHOBHO YAMANZI OKUCIMA UMLILO**  
Xelani kwabasemthethweni xa imibhobho yamanzi okucima umlilo yonakele kwaye musani ukwakha izindlu phezu kwayo.
- A4 ISIBONELELO SAMANZI EKHUHLALENI**  
Amanzi abalulekile ekucimeni umlilo.
- A5 IZIXHOBHO (IALAMU) ZOKULUMKISA NGOMSI NOMLILO**  
Izixhobo zokulumkisa zancedisa ukulwa umlilo. Izixhobo zokulumkisa ngomsi zichonga umlilo ngokukhawuleza, kodwa zinokuba nezilumkiso ezininzi zobuxoki. Zona ke ezilumkisa ngomlilo zibanezilumko zobuxoki ezimbalwa kodwa azikwazi ukuxela umlilo omncinci.
- A6 AMANZI, IZICIMI-MLILO NEZINYE IIMVELISO**  
Ii-emele zamanzi zikulungele ukucima umlilo. Izicima-mlilo zenza umsebenzi oncomekayo kodwa ziyabiza kwaye zidinga ukulungiswa nokugcinwa zisemgangathweni. Iimveliso nezixhobo zekhaya ezifana neengubo ezinkulu, iziciko zeembiza, nomgubo wokubhaka (baking soda) zingasetyenziswa ekucimeni imililo emincinci. Ezinye iimveliso zokucima umlilo ezinjengeebhola neekhenki azisebenzi ekucimeni imililo emikhulu.
- A7 INKGQUBO YOKULUMKISA ABAHLALI NGOMLILO**  
Abahlali bangalumkiswa ngemililo kumakhasi onxibelelwano.
- A8 IQELA LABAHLALI ABAQEQESHWE UKUSABELA IZICELO ZOKUCIMA UMLILO**  
Makugqeshwe iqela labahlali abazosabela izicelo zokucima umlilo. Aba bahlali bazakudinga inkxaso.

## UKHUSELEKO KUMLILO (UKULAWULA UMLILO UNGANWENWI NGAKUMBI)

- B1 IIMVELISO ZOKWAKHA EZINGAVUTHIYO**  
Iimveliso zokwakha ezingavuthiyo zanceda umlilo unwenwe kancinci. Ukufakelwa kweminyango, iifestile, kunye nophahla ngendlela engomelelanga iyakunciphisa ukusebenza kwezi mveliso.
- B2 NCIPHISA IZINTO EZIKHAWULEZA UKUVUTHA ENDLINI**  
Susa izinto ezinjenge nkuni namaplanga, ama-sondo emoto amadala, nezinye izixhobo. Amaphepha, iibhokisi neepplastiki ziyakhawuleza ukuvutha.
- B3 GCINA UMGAMA OKHUSELEKILEYO PHAKATHI KWEZINDLU**  
Gcina indlela zivulekile ukunciphisa ukunwenwa komlilo nokuncedisa imoto zokucima umlilo zikwazi ukufikelela apho umlilo ukhoyo.
- B4 UKUQHWEKHA NGEXESHA LIXAXAKEKA**  
Yibanendlela okanye icebo lokuqhwekha xa kunothi kubekho umlilo. Wonke umntu kufuneka azi apho izitixo zendlu yakhe zikhoyo ukuncedisa ukuqhwekha ngexesha lixaxakeka.
- B5 UKULUNGISWA KOYILO LAMATYOTYOMBE**  
Ukulungiswa kwendlela ame ngayo amatyotyombe inceda ekunciphiseni ukunwenwa komlilo kodwa oku kudinga izicwangciso kunye nemigudu.
- B6 UKUSUSWA KWENKUNKUMA**  
Inkunkuma ezibekwe ecaleni kwezindlu zenza umlilo unwenwe.

## UKUTHINTELWA KOMLILO (UKULUNGISELELA IMINI KAXAKEKA)

- C1 IMIKHANKASO YOKUFUNDISA ULUNTU NGOMLILO**  
Iinzame zokufundisa abantu ngomlilo zanceda ekuphuculeni ukhuseleko lwabahlali kwimililo.
- C2 UKUFAKELWA KOMBANE**  
Ukufakelwa kombane ngokusemthethweni kunciphisa amathuba okuqala komlilo. Uqhagamshelo olungakhuselekanga lwenza ukufikelela kwelori zomlilo kube nzima.
- C3 QINISEKISA UKUBA INTAMBO ZOMBANE ZISEMGANG-ATHWENI KWAYE UNGAZILAYISHI KAKHULU IIPLUGI**  
Iingxaki zombane, iintambo ezingekhosemgagathweni, kunye nokulayishwa kweeplugi kubangela imililo ngamaxesha amaninzi.
- C4 IKITI ZOKUKHUSELA EMLILWENI**  
Ikiti zokukhusela abantu emililweni zinezixhobo ezininzi ezibalulekileyo.
- C5 IZIXHOBHO ZOKUKHANYISA, UKUPHEKA NOKUFUDUMEZA EZIKHUSELEKILEYO**  
Qinisekisa ukuba izixhobo zokukhanyisa, ukupheka, nokufudumeza zixilongiwe ngabahlali ngaphambi kokuba zisetyenziswe.
- C6 UKUGCINWA KWAMAFUTHA NGOKUKHUSELEKILEYO**  
Gcina amafutha anjengepetroli, igesi, iparafini, njalo-njalo kude emililweni, ebushushwini kunye nalapho abantwana abanokufikelela khona.
- C7 IMEPHU YOKUJONGA INDAWO EZINOBUONGOZI KUNYE NEZICWANGISO XA KUKHO IZIGANEKO**  
Makubekho iimephu ezibonisa apho izinto zokhuseleko, zonyango kunye nezokucima umlilo zikhoyo.
- C8 IZICWANGISO ZOKUFUDUKA XA KUKHO UMLILO**  
Zamani kangangoko ukuziqhelanisa nezicwangciso zasekuhlaleni zokufuduka xakukho umlilo.
- C9 AMAZIKO ONYANGO**  
Zazi iinombolo zomnxeba zezibhedlele nekliniki ezikufutshane.
- C10 UQEQESHO LWEZONYANGO LWAMALUNGU ASEKHUHLALENI**  
Amalungu oluntu aqeqeshiweyo anokuba ngabantu bokuqala ukusabela xa kunesicelo sokucima umlilo.
- C11 UKUBUYISELWA KWEZINTO ESIMWENI EMVA KWENTLEKELE YOMLILO**  
Izixhobo zokunceda kwintlekele kunye nenshorensi zancedisa ukwakha izindlu kwakhona.

## UKUPHELISA IINKOLELO NGOKHUSELEKO KUMLILO

- 1 Amazinki awakwazi ukumelana nomlilo.
- 2 Ipeyinti ezenzelwe ukumelana nomlilo azisebenzi emakhayeni.
- 3 Izixhobo ezincinci ezinjengeebhola neekhenki ezenzelwe ukucima umlilo azisebenzi ekucimeni imililo emikhulu.
- 4 Umlilo uyanqandeka. Kuninzi okunokwenziwa ukunciphisa impembelelo zawo.

